



## Bhaqwa ufunda nentsapho yakho!

Ngaba ukufunda yinxalenye yobomi bemihla bentsapho yakho? Ukuba akunjalo, eyona ndlela yokuqalisa kukujoyina iphulo lokuBhaqwa-ufunda ngenyanga kaMeyi, uze uncede abantwana bakho beve ubumnandi beencwadi namabali. Iincwadi namabali angasinceda sifunde ngabanye abantu, ngezilwanyana nangeendawo singakhange siphume ekhaya!



## Get caught reading with your family!

Is reading part of your family's daily life? If not, a great way to get started is to join the Get-Caught-Reading movement during the month of May and help your children discover the magic of books and stories. Books and stories can help us to learn about other people, animals and places without ever leaving home!

### Mayifunde yonke intsapho!

- ★ Amaphononongo amaninzi abonisa ukuba okukhona abantwana befunda ekhaya, kokukhona beqhuba bhetele esikolweni.
- ★ Ukuba abantwana bakho bafumanisa ukuba ukufunda kumnandi kwaye kuyonwabisa, baza kufuna ukufunda nangakumbi. Leyo yindlela abanokwakha ngayo ubuhlobo obanelisayo neencwadi kunye nokufunda, ubomi babo bonke.
- ★ Ukuba nexesha elikhethekileyo lokufunda kunye kuqinisa amaqhina entsapho. Niza kutsho nibe nezinto ezimnandi enincokola ngazo ebudeni bemini.
- ★ Iintsapho ezifunda nezincokola ngeencwadi ezahlukeneyo zifunda ukucinga ngeendlela ezingafaniyo, iinkcubeko ezingafaniyo neendlela zokwenza izinto ezingafaniyo. Le nto inceda intsapho ibaqonde bhetele abanye abantu neendlela ezahlukeneyo zokwenza izinto.
- ★ Ukufunda kusinceda sifumane nezinto ezintsha esinokuzenza ngexesha lethu, iindidi ezahlukeneyo zokutya esingazipheka size sizitye, iindawo esingazityelela, iindlela zokusombulula iingxaki ibe kungabenza bube mnandi ubomi bethu.

### Get the whole family reading!

- ★ Many research studies show that the more children read at home, the better they do at school.
- ★ If your children learn that reading can be enjoyable and entertaining, they will want to read more and more. This is how they can build a satisfying, lifelong relationship with books and reading.
- ★ Having special time to read together makes the bond between family members stronger. You will also have enjoyable things to talk about throughout the day.
- ★ Families who read and talk about many different kinds of books learn about different ways of thinking, different cultures and different behaviours. This helps the family better understand other people and different ways of doing things.
- ★ Reading helps us to find new hobbies, different kinds of foods to prepare and eat, places to visit, ways to solve problems and can add enjoyment to our lives.

### Yenza ukufunda kube yinto yemihla ngemihla entsatsheni yakho

- ★ **Abantu abakuthandayo ukufunda.** Ukuba ufuna abantwana bakho bafunde, bafundele – uze uquke yonke intsapho! Gqiba ukuba lelaphi elona xesha ebudeni bosuku intsapho yakho engafunda ngalo kunye. Emva koko, yenzeni loo nto yonke imihla!
- ★ **Abantu abayimizekelo emihle.** Xa abantwana bakho bekubona ufunda qho, baza kubona ukuba ukufunda kubalulekile. Ncokola nabantwana bakho ngento oyifundayo.
- ★ **Ukuzithemba.** Ungamenza azithembe umntwana wakho ngokumxhasa nangokumkhuthaza ukuba akufunde. Makube mnandi kuwe ukummamela xa ekufundela, ungamlungisi, ngaphandle kokuba ucela umncede.

### Make reading a part of your family's everyday life

- ★ **Willing readers.** If you want your children to read, read to them – and include the whole family! Decide on a time of day that works best for your family to enjoy a book together. Then, do this every day!
- ★ **Role models.** When your children see you reading regularly, they will learn that reading is important. Talk to your children about what you are reading.
- ★ **Confidence.** You can develop your child's confidence by supporting them and encouraging them to read to you. Just enjoy listening to them read, without correcting them, unless they ask you for help.

Ukuchitha ixesha nifunda kunye nentsapho yakho kuyenza yazi ukuba uyayithanda kwaye uyixabisile. Alikho ke ixesha elibhetele lokuqala isiko lokufunda njengentsapho njengeNyanga-Yokubhaqwa-Ufunda!

Spending time reading with your family lets them know that you love and value them. What better time to start a family reading tradition than this Get-Caught-Reading Month!



Drive your  
imagination



IMINYAKA ELI-10 YAMABALI AMNANDI



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

## Besinetheko le-WRAD 2022!

Nyaka ngamnye ukususela ngowama-2013, xa sasiqala iphulo lethu loSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi [World Read-Aloud Day], uNal'ibali ebekhokela ekudaleni utshintsho ekufundeni eMzantsi Afrika ngokukhuthaza abantu abadala ukuba bafunde nabantwana babo esebenzisa izinto ezenziwa ngoSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi.



## We had a party for WRAD 2022!

Every year since 2013, when we held our first World Read-Aloud Day campaign, Nal'ibali has been leading literacy change in South Africa by motivating adults to read with their children through its World Read-Aloud Day activities.

### Kujoliswe kwiintsapho

Nyaka ngamnye injongo yethu ibisoloko ikufikelela abantwana abangakumbi ngoSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi. Ngowama-2022, siye satshintsha ekufuneni ukufikelela abantwana abaninzi kangangoko safuna ukufikelela kwiintsapho. Uphando lubonisa ukuba iintsapho eziba nenxaxheba kwiiprogramu zoSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi zikwenza umkhwa ukufunda nokubaliselana amabali nokuba xa amalungu entsapho ekwazi ukufunda nokubhala loo nto inganceda ekugxotheni ubuhlwempu.

Injongo yethu kukubhalisa iintsapho ezisisigidi esi-1 eziza kuzibophelela ekufundeleni abantwana bazo qho kule minyaka mithathu izayo.

“Ngoxa izizikolo eziphumeza indima ebalulekileyo yokufundisa abantwana ubuchule bokufunda, neentsapho zingaphumeza indima ebaluleke ngokufanayo yokunceda abantwana bawathande amabali neencwadi.”

### Ukukwazi ukufunda kuqala ekhaya – ngolwimi lweenkobe

Kulo nyaka sicele uMabel Mnensa ukuba abhale ibali elitsha elithi, *Itheko epakini*, elinabalinganiswa bakwaNal'ibali.

Ngenxa yokubaluleka kokuba umntu afunde ngolwimi lweenkobe, eli bali lenziwe lafumaneka ngeelwimi ezili-11 ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika nangeNtetho Yezandla YaseMzantsi Afrika nangeBraille, ngenxa yentsebenziswano yethu no-SLED (Sign Language Education and Development) kunye no-Blind SA.

UNal'ibali wenza amatile-tile okuba iincwadi zakhe zokufunda zifumaneka ngeelwimi zomthonyama zabantwana abaninzi kangangoko kunokwenzeka kwimida nangaphaya kwimida yoMzantsi Afrika. Njengexalenye yeli phulo leelwimi zaseAfrika, siye saguqulela nebali loSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi kwisiSwahili, isiShona, isiFrentshi, isiChichewa, isiPhuthukezi nesilingala saza samema amazwe aseAfrika aselumelwaneni ukuba asijoyine kulo mbhiyozo.



IGosa Eliyintloko Lomsebenzi lakwaNal'ibali, uKatie Huston  
Chief Operating Officer of Nal'ibali, Katie Huston

### A focus on families

Our goal was always to reach more and more children on World Read-Aloud Day each year. In 2022, we changed our focus from reaching the highest number of children to reaching out to families. Research shows that families who take part in World Read-Aloud Day programmes make a habit of reading and sharing stories and that it can help to break the cycle of poverty when family members can read and write.

Our goal is to sign up 1 million families who will pledge to read regularly to their children over the next three years.

“Whereas schools play a key role in teaching children the mechanics of reading, families play an equally key role in helping children to fall in love with stories and books.”

### Literacy starts at home – in the home language

This year we commissioned Mabel Mnensa to write a new story, *A party at the park*, which features the Nal'ibali characters.

Because of the importance of reading in one's mother tongue, the story was made available in the 11 official South African languages as well as in South African Sign Language and Braille, thanks to a partnership with SLED (Sign Language Education and Development) and Blind SA, respectively.

Nal'ibali is reaching out to share its reading resources in the home languages of as many children as possible within and beyond South Africa's borders. As part of this pan-African approach, we also translated the World Read-Aloud Day story into Swahili, Shona, French, Chichewa, Portuguese and Lingala and invited neighbouring African countries to join the celebration.



Umbhali weencwadi zabantwana waseMzantsi Afrika uMabel Mnensa  
South African children's author, Mabel Mnensa

Ngokubalaselisa ukubaluleka kokufundela abantwana amabali amnandi ngolwimi lwabo lweenkobe yonke imihla, sinethemba lokuba siza kukhuthaza bonke abemi boMzantsi Afrika bancedise ekwenzeni abantwana bakwazi ukufunda, enoba kusekhaya, kusesikolweni okanye ekuhlaleni.



By highlighting the importance of reading enjoyable stories to children in their home language every day, we hope to encourage all South Africans to help grow children's literacy, whether at home, at school or in the community.



Drive your  
imagination

## Ebezisenzeka ngoSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi Lowama-2022



(ukusuka ekhohlo) IGosa Eliyintloko Lomsebenzi lakwaNal'ibali, uKatie Huston, uWantu Madonsela, inqununu yesikolo uM Mdekazi noNjing. Thuli Madonsela kwiSikolo Samabanga Aphantsi SaseKayamandi eStellenbosch (from left) Nal'ibali's Acting Director Katie Huston, Wantu Madonsela, school principal M Mdekazi and Prof. Thuli Madonsela at Kayamandi Primary School in Stellenbosch



Amaziko Okuphuhlisa Abantwana Besebancinci angamashumi amabini eProjekthi YaseKukhanyeni abhiyozele uSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi  
Twenty of Ekukhanyeni Project's Early Childhood Development Centres celebrated World Read-Aloud Day



Zamambo MaGcwabe Shandu

Malunga nebali esilifumene kwaNal'ibali. Bekumnandi nyhani kum ukulifundela abantwana bam ibe nabo baliithandile.  
Reading a story we got from Nal'ibali. I had lots of fun reading to my kids and they enjoyed the story.



Mbali Shabangu  
@MbaliSh75980491

Isikolo Samabanga Aphantsi SaseGlenridge, umsitho we-WRAD, nabafundi bebexhelelw' eXhukwane xa bekufundwa "Itheko epakini" ngeelwimi ezi-5 ezifundiswa esikolweni.  
#AllLanguagesAreEqual!  
Glenridge Primary School, WRAD event, the learners had a great time reading "A party at the park" in the 5 languages taught at school.  
#AllLanguagesAreEqual!



## World Read-Aloud Day 2022 reflections



Ilimaskoti zakwaNal'ibali zongezile kwimincili yokubhiyozela i-WRAD  
The Nal'ibali mascots added to the WRAD celebration excitement



Ekukhanyeni Project  
@Ekukhanyeni

Abantwana Abangama-551 abavela kumaZiko E-ECD ethu angama-20 baye bajoyina ihlakani lethu ekuncedeni abantwana bakwazi ukufunda, u-@nalibaliSA, ukuze babhiyozele uSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi. Bekumnandi nyhani xa abantwana bethu nootitshala bebethatha inxaxheba kunye nehlabathi kwixesha elikhethekileyo lokubaliselana amabali.

551 Little Ones from 20 of our ECD Centres joined with our literacy partner, @nalibaliSA, to celebrate World Read Aloud Day. It was such a delight for our kids and teachers to share special story time with the world.



Prof Thuli Madonsela #SocialJustice  
@ThuliMadonsela3

Namhlanje yi-@nalibaliSA#ReadAloudDay. Awukashiywa lixesha lokunika umntwana wakho incwadi. Yikhethe ngononophelo incwadi ukuze uqiniseke ukuba ukhulisa #ukuzithemba, ukuzimela, #isibindi, #uvelwano, intsebenziswano nezinye izinto ezibumba #ubuntu emntwaneni  
Today is @nalibaliSA#ReadAloudDay. It is not too late to give a child a book. Choose the book carefully to ensure you build the child's #selfesteem, self-reliance, #courage, #compassion, interdependence and other #ubuntu dimensions of character



Nyaka ngamnye ngoSuku Lokufunda Ngokuvakalayo Lwehlabathi, uNal'ibali ukhumbuza wonke umntu ohlala eMzantsi Afrika nokwamanye amazwe ngeenzuzo zokufundela abantwana ngokuvakalayo. Nisancedile senza abantwana abangakumbi bawathanda amabali nokufunda.



Each year on World Read-Aloud Day, Nal'ibali reminds everyone who lives in South Africa and beyond about the benefits of reading aloud to children. You've helped us spread a love of stories and reading to more and more children each year.



Drive your imagination

# Sebenzisa ubugcisa bakho! :

Nyaka ngamnye ngeCawa yesibini kaMeyi, sibhiyozela indlela ababaluleke ngayo oomama abakubomi bethu. Khawusijoyine ekwenzeni ikhadi elikhethekileyo labagcini babantwana abangamabhinqa, ukuze sibonise indlela esibathanda nesibaxabisa ngayo. Nantsi indlela yokulenza:

# Get creative!

Each year, on the second Sunday in May, we celebrate how important mother figures are in our lives. Join us in making a special card for the women caregivers in our lives, to show how much we love and appreciate them. Here's how:



## Yenza ikhadi loSuku Loomama Make a Mother's Day card



**Inyathelo 1** Zoba iimilo ezingafaniyo zeentyatyambo kwiziqwenga zephepha nezamalaphu. Zisike uzikhuphe ezo sheyipu.

**Step 1** Draw different flower shapes on scraps of paper and fabric. Cut out the shapes.



**Inyathelo 2** Sika iibloko ezincinci zekhadibhodi uze uzincamathelise kumva wentyatyambo nganye.

**Step 2** Cut out small blocks of cardboard and paste one on the back of each flower.



**Inyathelo 3** Songa iphepha elingabhalwanga nto phakathi ukuze wenze ikhadi loSuku Loomama. Qaba iglu kwibloko yekhadibhodi ekumva wentyatyambo nganye uze uyincamathelise kumphambili wekhadi lakho.

**Step 3** Fold the clean sheet of paper in half to make a Mother's Day card. Put glue on the cardboard block on the back of each flower only and paste your flowers on the front of your card.



**Inyathelo 4** Sebenzisa iikoki eziyimibalabala ukuze uzobe isiqu esisuka kwintyatyambo nganye siye kutsho ezantsi ephepheni. Bhala umyalezo oya kumama okhethekileyo kuwe ngaphakathi kweli khadi, okanye uxelele umntu into amakakubhalele yona.

**Step 4** Use your coloured koki to draw a stem from each flower to the bottom of the page. Write a message to your special mother figure inside the card, or tell someone what to write for you.



## Zenzele iincwadana **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



## Grow your own library. Create **TWO** cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your  
imagination

I had a string around my neck with a bright blue stone that my father had given me. I put it around my brother's neck and I said goodbye.


I looked for my brother with the green eyes. My heart was full. But my hands were empty.

Ndakhangelana umntakwethu lowa unamehlo aluhlaza. Intliziyo yam yayigcwele. Kodwa izandla zam zazingenanto. Nandinentanjana endiyifake entanyeni eyayinelitye elimenyezelayo eliblu endandiyiphawe ngutata. Ndayifaka entanyeni yomntakwethu ndaza ndathi asale kakuhle.



One day at dawn, our mothers came to wake us. We heard singing and shouting. Our world turned upside down. Our mothers told us to get up and follow them.

Ngenye imini ekuzeni kokusa, oomama bethu bezazokusivusa. Seva kuculwa kukhwazwa nokukhwazwa. Ubomi bethu batshintsha ngokupheleleyo. Oomama bethu masivuke sibalandele.



**HEARTLINES**  
The Centre for Values Promotion



Xa ufuna inkcazelo engakumbi nceda uthumele i-imeyili kwidilesi ethi [info@heartlines.org.za](mailto:info@heartlines.org.za) okanye ufowunele kule nombolo (011) 771 2540.

For more information please email [info@heartlines.org.za](mailto:info@heartlines.org.za) or phone (011) 771 2540.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wekhaya lakho okanye wento ekukhumbuza ekhaya.
- ★ Bhala uludwe lwezona zinto zi-5 ezibalulekileyo obungahamba nazo ukuba bekunokufuneka ushiye ikhaya lakho buphuthuphuthu.
- ★ Yenza inekleyisi engakhumbuza umntu ngawe. Sebenzisa izinto ozifumana kufutshane nawe: umtya, iwulu, amaso nezinto zokuhombisa ezincinci okanye izinto zokudlala onazo.

### Get story active!

- ★ Draw a picture of your home or of something that reminds you of home.
- ★ Write a list of the 5 most important things that you would take with you if you had to leave home suddenly.
- ★ Make a necklace that would remind someone of you. Use materials that you find around you: string, wool, beads and small ornaments or toys that you have.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

## Abantu abangaziwayo kwilizwe elikude



## Strangers in a faraway land

Deborah Ewing • Sebastien Quevauvilliers

**Izimvo eninokuthetha ngazo:** Zeziphi ezinye zezinto ezenza abantu bashiye amakhaya abo baye kwilizwe elikude? Ubungaziva njani ukuba bekunokufuneka ushiye ikhaya lakho uye kuhlala kwilizwe elikude? Yintoni ebinokukwenza uzive bhetele ngokuhlala kwilizwe elikude?

**Ideas to talk about:** What are some reasons why people leave their homes to live in a land far away? How would you feel about having to leave home to go and live in a faraway land? What would make you feel better about living in a land far away?



Semka kwilizwe elikude elalisele lilikhaya lethu,  
saya kwikhaya lethu elalike laba lilizwe elikude.  
Abantu abangaziwayo babegxothwe. Ilizwe lethu  
laliphinde labuyela kuthi.  
We travelled from the faraway land that had  
become our home, to our home that had become a  
faraway land. The strangers had been chased away.  
The land of my birth was ours again.

Ndabona inkwenkwe ihleli esitubhini kwam.  
Yayinamehlo aluhlaza.  
“Mvumele ahlale nathi,” watsho unyana wam  
waza waphathela le nkwenkwe ukutya.  
“Ungalala apha,” ndatsho, “kodwa kusasa umele  
umke.”  
Kusasa le nkwenkwe yayimkile. Esitubhini,  
kwakukho ilitye eliblu elimenyezelayo kuphela.

I found a boy sitting on my step. He had  
green eyes.  
“Let him stay,” said my son and brought the  
boy some food.  
“You may sleep here,” I said, “but in the  
morning you must go.”  
In the morning the boy was gone. On the step,  
there was only a bright blue stone.




Our mothers and fathers worked beside the  
mothers and fathers of the faraway land. Our  
mothers and fathers worked with a faraway  
look in their eyes. Their hands worked  
the earth in front of them, but their hearts  
yearned for the earth they had left behind.

Oomama nootata bethu  
babesebenza noomama  
nootata beli lizwe likude.  
Oomama nootata bethu  
babesebenza amehlo abo ejonge  
kude. Izandla zabo zazisebenza umhlaba  
ophambi kwabo, kodwa iintliziyo  
zona zikhumbula umhlaba ababewushiyi  
ngasemva.

Ngaminazana  
ithile eyayisoyikisa  
neyayibuhlungu,  
abantwana belali  
yam bavuswa  
buphuthuphuthu  
ebusuku.

Kwakusitsho izikhalo  
kukhwazwa nokukhwazwa. Ubomi  
bethu batshintsha ngokukhawuleza.  
Kwakulenyenza imibane kusitsho  
neendudumo phantsi ngoxa kutshawuza umlilo  
esibhakabhakeni.

Once upon a time of fear and sorrow, the children  
of my village were woken suddenly in the night.  
We heard screaming and shouting. Our world  
turned upside down. Lightning and thunder came  
from the ground and fire came from the sky.





Mum and Dad come back with Grammy.



UMama noTata bayabuya behamba noMakhulu.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso weyona ndlu okanye isakhiwo esingaqhelekanga ocinga ngaso. Sakhiwe phi? Senziwe ngantoni?
- ★ Chaza imidlalo enithanda ukuyidlala wena netshomi yakho.
- ★ Yakha indlu encinci. Zama ukufakelela izinto ezininzi kangangoko kunokwenzeka, ezinjengeefestile neminyango. Sebenzisa ibhokisi yekhadibhodi nesikere ukuze usike iifestile nomnyango. Hombisa ikhaya lakho ngezinti, amatye, udaka neziqwenga zeplastiki.

### Get story active!

- ★ Draw a picture of the strangest house or building that you can think of. Where is it built? What is it made of?
- ★ Name the games that you and your best friend like to play.
- ★ Build a small house. Try to add as many details as possible, such as windows and doors. Use a cardboard box and a pair of scissors to cut out windows and a door. Decorate your home with sticks, stones, mud and bits of plastic.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

## Woza uzohlala nami



## Come stay with me

Nasrin Siege • Subi Bosa • Job Mubinya

**Izimvo eninokuthetha ngazo:** Ucinga ukuba indlu imele ibe nantoni, kwaye yintoni obungathanda ibekho kuyo? Ukuba itshomi yakho ingakumema uye kuhlala kowayo, ngaba bafanele batshintshe indlela abenza ngayo izinto, okanye nguwe ofanele utshintshe indlela owenza ngayo izinto?

**Ideas to talk about:** What do you think a house must have, and what would you like it to have? If your friend invites you to stay at their house, should they change how they do things to fit in with your way of doing things, or should you change to fit in with their way of doing things?



“Unjani Makhulu?” kubuza uTendai.



Granny gives Tendai her favourite flute.  
Tendai plays the flute and everybody dances.



Balala ubusuku bonke.  
They sleep all night.



UFudo uTendai uhlala emanzini.  
Tendai Turtle lives in the water.




Itshomi enkulu kaTendai nguMvundla uBusi. Yena uhlala emthini.

Tendai's best friend is Bunny Busi. She lives in a tree.



UMakhulu unika uTendai ifleyiti yakhe ayithanda kakhulu. UTendai ukhalisa ifleyiti baze bonke bajayive.



Badlala imini yonke. They play all day.



"How are you, Granny?" asks Tendai.



“Yizohlala nam,” ukhwaza atsho uBusi.  
UTendai uhlala noMvundla uBusi  
emthini.  
“Come stay with me,” calls Busi.  
Tendai stays with Bunny Busi in the tree.

Granny Turtle has hurt her shell.  
“We have to go to help Granny,” says Mum.



“Ndibhetele ngoku,” kutsho  
uMakhulu encumile.  
“I am better now,” says Granny with  
a smile.

“Sililungisile iqokobhe lakhe,” uphendula  
atsho uMama.


“We fixed her shell,” answers Mum.





A boy with green eyes walked with me. He shared his books. He shared his blanket. He shared his family with me. He called me his brother when people asked him, "Who is this stranger?"

Enye inkwenkwe eyayinamhlo aluhlaza yayihamba nam. Yayindiboleka iincwadi zayo. Indombathisa ingubo yayo. Indithatha njengexalenye yentsapho yayo. Xa abantu bebuza, "Ngubani lo singamaziy?" yayisithi ndingumntakwayo.



Bonke abantwana belali yam babenoomama. Oomama bethu bathi masivuke sibalandele.

Andizange ndikwazi nokuthatha ingubo yam okanye imoto yam yokudlala. Kwafuneka ndiphathe umntwana wasekhaya oyinkwenkwe. Umama yena wayephethe udadewethu nokutya okwakusongelwe ngelaphu. Sonke sabaleka kobo bumnyama nokulenyeza nezikhalo de kwathi cwaka.

The children of my village all had mothers. Our mothers told us to get up and follow them.

I could not carry my blanket or my toy car. I had to carry my little brother. My mother carried my sister and some food wrapped in a cloth. And we all ran through the darkness and the light and the screaming and then the silence.



The moon moved many times around the earth. The earth moved many times around the sun. Then one night I woke my children suddenly.

Inyanga yawujikeleza kaninzi umhlaba. Umhlaba walijikeleza kaninzi ilanga. Kwala ngobunye ubusuku ndavusa abantwana bam buphuthuphuthu.



Kodwa uloyiko lwethu lwalunzulu ibe lwahlala ixesha elide kuneenkumbulo zethu. Sasikhe sahluthwa amakhaya ethu ngaphambili ngabantu abavela kwilizwe elikude. Sasingafuni iphinde yenzeke loo nto.

Saxelela abo bantu bangaziwayo ukuba bemke. Abanye babaleka, abanye bakhubeka baza bawa. Abanye bahlala, abanye bazifihla.

But our fear was deeper and lasted longer than our memories. We had lost our homes before to people from a faraway land. We were not ready to lose it again.

We told the strangers to go away. Some ran, some stumbled and fell. Some stayed, some hid.




Sawela umlambo saya kwilizwe elikude. Ingca yayiluhlaza namagqabi ombona owawulungele ukuvunwa erhwashaza ngokungathi achaza ukufika kwezu abantu esingabaziyo beze kusihlangabeza. Basithatha basisa elalini yabo. Satya ukutya kwabo. Salala kwizindlu zabo. Sasidlala nabantwana babo ibe sasisiya nabo esikolweni. We crossed a river to a faraway land. The grass was green and the leaves of the ripe maize whispered our arrival. Strangers came to meet us. They led us to their village. We ate their food. We slept in their houses. We played with their children and we walked with them to school.



Ndambuza umama ukuba kutheni kufuneka sishiye ikhaya lethu. Wathi kwakufike abantu abavela kwilizwe elikude. Babevile ukuba umhlaba wethu wawuchuma kwaye uthe qhakra kunowabo, ibe babewufunela bona. “Kutheni bebengaceli siwusebenzise kunye nje?” ndabuza. Kodwa umama akazange aphenndule.

I asked my mother why we had to leave our home. She said strangers had come from a faraway land. They had heard that our land was greener and brighter than theirs, and they wanted it. “Why didn’t they ask to share it with us?” I asked. But my mother did not answer.



Kwakuphinde kwafika abantu abangaziwayo bevela kwilizwe elikude. Bafika bengenzingubo okanye ukutya. Bafika bengenaabo oomama. Bafika behamba nabantakwabo noodadewabo ababelambile kuphela. Basibalisele ngombane neendudumo ezazisuka phantsi nangomlilo owawutshavuzisa esibhakabhakeni. Ndathi ndakuvala amehlo, ndazibona, ngaminazana ithile eyayisoyikake neyayibuhlungu. Strangers had again come from a faraway land. They came without blankets or food. They brought only hungry brothers and sisters. They told tales of lightning and thunder that came from the ground and fire that came from the sky. When I closed my eyes, I could see myself, once upon a time of fear and sorrow.

Kodwa ndathi ndakuwavula, ndabona kuphela abantu abangaziwayo abavela kwilizwe elikude. Babefuna sitye nabo ukutya kwethu kwaye sihlale nabo kumakhaya ethu. Babefuna ukusebenza nathi nokuba base abantwana babo esikolweni kunye nabantwana bethu.

But when I opened them, all I could see was strangers from a faraway land. They wanted to share our food and our homes. They wanted to work with us and send their children to school with our children.

# Bhiyozela iAfrika!

Owama-25 kuMeyi luSuku LweAfrika!



# Celebrate Africa!

**25 May is Africa Day!**

Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Contact us in any of these ways:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

*Nalibali*



# Injani ingelosi?



Ibhalwe nguNjabulo Mokoena ■ Imifanekiso izotywe nguChantelle noBürgen Thorne

USharon wayethanda isikolo, iitshomi zakhe nentsapho yakowabo.

Ngenye imini esikolweni, uTitshalakazi uJane wabaxelela ngeengelosi. USharon wayenemincili yinto ayifundileyo kangangokuba wabalisele umama wakhe ngazo zonke izinto ezintle ezenziwa ziingelosi ukufika nje kwakhe ekhaya ngaloo mini.

"Mama, injani ingelosi?" wabuza njengoko wayesitya ukutya kwakhe kwasemva kwesikolo.



"Andazi, sana lwam. UTitshalakazi uJane uthe zinjani iingelosi kanti yena?" wabuza uMama.

"Uthe siza kuyazi ingelosi xa siyibona," watsho uSharon, ebutyhafa. Akwaba uTitshalakazi uJane wayebaxelele ukuba injani kanye kanye ingelosi. USharon wayeza kutsho azi ukuba makajonge ntoni!

"Awumkholelwa na uTitshalakazi uJane?" uMama wabuza.

"Andazi. Ndiyazibuza ukuba ndiza kuyibona njani ingelosi xa ndingazi nokuba kujongwa ntoni," watsho uSharon. Emva koko wagqibezela ukutya kwakhe waza wabeka ipleyiti nekomityi yakhe esinkini.

"Khawuzondincedisa ukline itafile," watsho uMama. "Lahla amaxolo emifuno kula mgqomo wesichumisi uze uqoqoshe nesiya sonka torho."

"Ewe, Mama," watsho uSharon waza ngoko nangoko wenza izinto umama wakhe amcele ukuba azenze.

Ukufika kukatata wakhe evela emsebenzini ngaloo ngokuhlwa, uSharon wabaleka wayokumhlangabeza emnyango. Wathatha ibhegi yakhe yasemsebenzini waza wamphathela yona. Utata wakhe wamanga waza wamncumela.

"Tata, ndicel' ukubuza," uSharon watsho engekamniki nethuba lokuhlala phantsi utata wakhe.

"Ewe, mntanam, uthini umbuzo wakho?" wabuza utata wakhe enoncumo olukhulu.

"Tata, injani ingelosi?"

"Eh, iingelosi zilungile, zinobubele kwaye ziyathandeka," watsho utata wakhe.

"Ndiyazi. UTitshalakazi uJane utshilo naye. Kodwa ndifuna ukwazi ukuba zinjani xa uzijongile," watsho uSharon.

Utata wakhe wamjonga waza wacinga kangangexeshana. Emva koko wathi, "Ngempelaveki ndiza kukukhupha siyobona enye yazo."

USharon wavuya kakhulu. "Uyayazi indawo ekuyo?" wabuza emangalisiwe.

"Mama!" wakhwaza. "UTata uyazi ukuba ziphi iingelosi!"

"Intle loo nto, Sharon. Ndiyavuya uza kude ufumane impendulo yombuzo wakho," watsho uMama. Wajonga utata kaSharon enoncumo olukhulu.

Ngentsasa elandelayo kwiteksi yesikolo uSharon waxelela zonke iitshomi zakhe ukuba wayeza kuyobona ingelosi ngempelaveki. Iitshomi zakhe zamncumela nje ke

kuba zimthanda uSharon, kodwa zazingayikholelwa le nto wayeyithetha.

Emva koko wachazela utitshala wakhe ngento awayeza kuyenza ngempelaveki. UTitshalakazi uJane wamcela ukuba ngoMvulo eze kubalisela ikhosi ngalo lonke uhambo lwakhe lwangempelaveki.

NgoMgqibelo kusasa, uSharon wavuka kwakusasa waza wenza imisebenzi yakhe. Emva koko wahlamba, wanxiba kakuhle waza watya ibrakfesi. Inye nje qha into eyayishiyekile, kukulinda utata wakhe ukuba alungise. Kungekudala uSharon wayesesitsheni sangasemva emotweni ebophe ibhanti ibe bahamba.

"Tata, kukude?" wabuza evuya.

"Sesiza kufika," watsho encumile. Bahamba ngemoto umganyana baza bayokumisa kwikhaya labantu abadla umhlalaphantsi.

"Heke safika," watsho uTata ekhulula ibhanti lakhe lesitulo.

"Ikhaya labantu abadla umhlalaphantsi?" uSharon wayedidekile. Zifuna ntoni iingelosi kwikhaya labantu abadla umhlalaphantsi?

"Tyhini, molweni," watsho omnye umfana esiza ngakubo. "Inoba unguSharon. Ndiye ndabhalala uludwe lwezinto ongazenza ukuze usancedise kweli khaya namhlanje." Wamncumela uSharon waza wanika utata wakhe iphepha.

UTata walufunda olu ludwe. Okokuqala, uSharon wancedisa uTata batshayela iyadi. Emva koko baklala izitulo abahlala kuzo abantu abadla xa begcakamele ilanga. USharon wawukhawulezisa kangangoko umsebenzi wakhe ukuze utata wakhe amse kwingelosi.

"Ngoku, siza kuklala iholo yokutyela," watsho uTata. Batshayela baza bosula uthuli baza bapolisha de yonke into yamenyezela.

Ekugqibeleni, kwabetha ixesha lesidlo sasemini. USharon notata wakhe bahlamba izandla nobuso babo baza baya kwihlo yokutyela. Apho uSharon wancedisa ekuphakeni ukutya waza wakuvuyela ukubuthela bonke abantu njengoko babembalisele amabali akudala. Badlala nemidlalo yebhodi. Emva koko omnye umakhulu wathi kuSharon, "Uyingelosi yokwenyani wena," waza wamanga kakhulu.

"Ngubani igama lakho, ngelosi yam?" wabuza omnye umakhulu.

"NdinguSharon," waphendula encumile waza wakhawuleza waya kutata wakhe.

"Oomakhulu bathe ndiyingelosi. Ndatsho ndakhumbula ukuba ubufanele undibonise yona namhlanje, Tata," watsho.

Utata wakhe wancuma waza wakhomba umfanekiso wabo kwisipili esikufutshane. "Sharon, inje ke ingelosi xa uyijongile."



USharon wazijonga kangangexeshana waza wancuma. Wawungathi awusafiki uMvulo azokuya esikolweni axelele iitshomi zakhe notitshala indlela akuthande ngayo ukwenza umsebenzi omhle wokuba yingelosi.

## Yenza ibali linike umdla!

★ Wena ucinga ukuba zinjani iingelosi? Khawuzobe umfanekiso wengelosi. Wusike uze uncathelise izinto ezinxibileyo uze iinwele uzenze ngoboya okanye ngomtya.

★ Bhala umbono osixelela into oyicingayo ngeengelosi.

★ Yenzela umntu omthandayo ijagi ebhalwe "Ndiyingelosi yakho." Cela loo mntu afake imiyalezo yezinto ezilula – njengothi *Khawundenzele iti* – angathanda umenzele zona kule jagi. Kaninzi kangangoko ukwazi, khupha omnye wale miyalezo uze wenzele loo mntu omthandayo into entle.



Drive your  
imagination



# What does an angel look like?

By Njabulo Mokoena ■ Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne



One day at school, Teacher Jane told them about angels. Sharon was so excited about what she had learnt that she told her mom about all the good things that angels do as soon as she got home that day.

"Mom, what does an angel look like?" she asked as she ate her after-school snack. "I don't know, my darling. What did Teacher Jane say an angel looks like?" Mom asked.



"She said we would know an angel when we see one," Sharon said, sighing. She wished that Teacher Jane had told them exactly what an angel looked like. At least then Sharon would know what to look for!

"Don't you believe Teacher Jane?" Mom asked.

"I don't know. I'm just wondering how I will recognise an angel if I don't know what to look for," Sharon said. Then she finished her snack and put her plate and cup in the kitchen sink.

"Come help me clean the table, please," said Mom. "Put the vegetable peels in the compost bin and please put the bread away too."

"Yes, Mom," said Sharon and immediately did what her mother had asked her to do.

When her dad came home from work that evening, Sharon ran to greet him at the door. She took his work bag to carry it for him. Her dad gave her a hug and smiled at her.

"Dad, I have a question," Sharon said without giving her dad a chance to sit down.

"Yes, my dear, what is your question?" her dad asked with a big smile.

"Dad, what does an angel look like?"

"Well, angels are good, kind and lovely," her father said.

"I know. Teacher Jane said that too. But what I want to know is what they really look like," Sharon said.

Her father looked at her and thought for a while. Then he said, "I will take you out over the weekend so that we can see one."

Sharon was very excited. "You know where to look?" she asked in amazement.

"Mom!" she shouted. "Dad knows where to find angels!"

"That's wonderful, Sharon. I'm happy you will finally have an answer to your question," Mom said. She looked at Sharon's dad with a big grin on her face.

The next morning in the school taxi Sharon told all her friends that she was going to see an angel on the weekend. Her friends smiled politely because they like

Sharon, but they did not believe what she said.

Then she told her teacher about her plans for the weekend. Teacher Jane asked her to come and tell the class all about her adventure on Monday.

On Saturday morning, Sharon woke up early to do her chores. Then she bathed, dressed neatly and had breakfast. All that was left, was to wait for her dad to get ready. Soon enough Sharon was buckled into the backseat of the car and they were on their way.

"Dad, is it far?" she asked happily.

"We'll be there soon," he said with a smile. They drove a little while longer before stopping at a retirement home.

"Here we are," Dad said taking off his seatbelt.

"A retirement home?" Sharon was confused. What were angels doing at a retirement home?

"Aah, good morning," said a young man walking towards them. "You must be Sharon. I've drawn up a list of things that you could do to help out at the home today." He smiled at Sharon and handed a sheet of paper to her dad.

Dad read the list. First, Sharon helped Dad sweep the yard. Then they cleaned the chairs that the old people used when they sat in the sun. Sharon did her work as quickly as she could so that her dad could take her to see an angel.

"Next, we'll clean the dining hall," said Dad. They swept and dusted and polished until everything was sparkling and clean.

Finally, it was lunchtime. Sharon and her dad washed their hands and faces and went to the dining hall. There Sharon helped to serve the meal and then enjoyed sitting with everyone as they told her stories from long ago. They also played some board games. Then one granny said to Sharon, "You're such an angel," and gave her a big hug.

"What is your name, my angel?" asked another granny.

"I'm Sharon," she answered with a smile and rushed off to her dad.

"The grannies called me an angel. Then I remembered that you were supposed to show me one today, Dad," she said.

Her father smiled and pointed to their reflections in a mirror nearby. "Sharon, that is what an angel looks like."



Sharon stared at herself for moment and smiled. She couldn't wait to go to school on Monday to explain to her friends and teacher how much she enjoyed doing the good work of being an angel.

## Get story active!

- ★ What do you think angels look like? Draw a picture of an angel. Cut out and paste material for the clothing and wool or string for the hair.
- ★ Write a poem that tells us what you think about angels.

- ★ Make an "I'm your angel" jar for someone you love. Invite that person to put little notes of easy things – like *Make me a cup of tea* – that they would like you to do for them in the jar. As often as you can, take out one of the notes and do something nice for the person that you love.

# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



1.

**Usawakhumbula onke amazwe aseAfrika? Wabhale kwimephu engabhalwanga nto engezantsi.**

☉ Bhala amagama amazwe amaninzi kangangoko unako ngepensile, uze uwajonge kwiphepha 13. Phinda uwabhale amagama ngeinki.

**Can you remember the names of all the countries of Africa? Write them on the blank map below.**

☉ Write the names of as many countries as you can in pencil, then check them on the map on page 13. Rewrite the names in ink.

2.

**Faka le mibala kula mazwe:**

EMzantsi Afrika – oblu

ECongo – obomvu

EMadagascar – oluhlaza

E-Ethiopia – otyheli

ENigeria – o-orenji

ELibya – obrawuni

Faka imibala ethandwa nguwe kumazwe aseleyo.

**Colour the countries in these colours:**

South Africa – blue

Congo – red

Madagascar – green

Ethiopia – yellow

Nigeria – orange

Libya – brown

Choose your own colours for the remaining countries.



Copyright© worldmapblank.com

3.

**Sombulula oonobumba ukuze uqonde ukuba leliphi ilizwe elihambelana nomfanekiso.**



**ILIZWE:**

TANSZEMI KIFARA

E-PTEYG

LAEMI

SCARADAMAEG



**Unscramble the letters to find out which country fits with the picture.**

**COUNTRY:**

UTHOS IFCARA

GETPY

LAMI

SCARADAMAG



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.tiktok.com/@nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI  
EYETHU

EASTERN CAPE  
RISING SUN

POLOKWANE  
OBSERVER



Drive your  
imagination